

IBANGA 2 ULWIMI LWEENKOBE

Izilwanyana ziya elwandle



ISIXHOSA

Inqanaba:

3

Incwadi

2



Ukufunda ngokwamaqela ngoncedo lukatitshala

Phambi kokufunda

- Tyhila ibali abaza kulifunda. Thetha ngemifanekiso.
- Cela abafundi baqashisele ukuba lingantoni na ibali ngokujonga kwizihloko nemifanekiso.
- Cacisela abafundi amagama amatsha okanye anzima phambi kokuba baqalise ukufunda.
- Yenza amakhadi amagama ukufundisa isigama esitsha. (Jonga uluhlu lwesigama esitsha kumphakathi woqweqwe lwangasemva.)

Xa kufundwa okokuqala

- Abafundi mabafunde incwadi ngabanye-ngabanye.
- Abafundi mabafunde ngokuthe cwaka okanye bafunde incwadi ngokusebeza.
- Yiya kumfundi ngamnye umcele ukuba afunde umhlathi encwadini ekhwaza.

Ingxoxo

- Buza imibuzo evavanya ukuqonda esekelwe encwadini.
- Gxininisa kwizandi, amagama angaqhelekanga okanye anzima nakwisigama.
- Uya kufumana imisebenzi engemva kule ncwadi iluncedo ekukhokeleni ingxoxo. (Khetha imisebenzi elungele umgangatho wabafundi).

Xa kufundwa okwesibini

- Kwiintsuku ezilandelayo, bayeke abafundi bafunde kwakhona, ngababini okanye emnye.
- Gxininisa ekufundeni kakuhle, igrama nesigama.
- Bayeke abafundi bagqibezele imisebenzi equkwe ngemva kule ncwadi ngokwamaqela. Khetha imisetyenzana efanele umgangatho wabafundi.

*Abafundi mabenze umdlalwana
ukuba incwadi iyakuvumela oko.*




*Abafundi mabenze imisebenzi yokufunda
ngokwamaqela emva kwesifundo. Bayalele abafundi
basebenze ngokwamaqela benze imisebenzi
efanelekileyo yokufunda ngokwamaqela efaneka
ngemva encwadini. Mabangabhali kule ncwadi.
Imisebenzi ebhalwayo mayenziwe kwiincwadi zabo
zemisebenzi.*

Izilwanyana ziya elwandle



Izilwanyana zasendle, iintaka
nezinambuzane zaseAfrika
zazifuna ukubona ihlabathi.

Zagqiba ekubeni zithathe
uhambo ngephenyane. Zonwaba
kakhulukwiintsuku zokuqala
zohambo lwazo, kodwa emva
kweentsuku ezimbalwa, zadikwa
zaze zaqalisa ukuxabana.



USinqolamthi waqalisa ukulwa
noHotyazana. Ngelixesha
baziqengqa phantsi besilwa,
ngengozi uSinqolamthi
wagqobhoza umngxuma
kwisikhephe.


Amanzi amaninzi angina engenile
kwisikhephe. Umngxuma waya
uba mkhulu ngokuba mkhulu.
Amanzi amaninzi angena
kwisikhephe.



Izilwanyana zazinexhala zicinga ukuba isikhephe siza kuzika ze zirhaxwe.

“Zzzz..... zzz..... zzz,” watsho uNyosi, “Masisebenzisane sivale umngxuma.”

Zonke izilwanyana zasebenza kunye zizama ukuvala umngxuma.



Bha-bha-bha.

Iintaka zizame ukunqanda
amanzi angangeni esikhepheni
ngokubhabhazelisa amaphiko azo.
Kodwa zazingenamandla
ngokwaneleyo.

Indlovu iginye amanzi
asemazantsi esikhephe
yawatshizela elwandle.

T-tshhh! Swahla!
T-tshhh! Swahla!



Iinyosi, iimbovane, iimpuku
nezigcawu zizame konke
ezinokukwenza ukuvala
umngxuma.

Zisebenzise inwebu yezigcawu,
amakhaphela eenyosi nobusi,
kodwa aziwuvalanga umngxuma.

Amanzi aqhubekile engena
esikhepheni kwaye enyuka
ngokunyuka.




Ngeli xesha, zonke izilwanyana zazisoyika ukumka namanzi.

Kanye ngaloo mzuzu, intlanzi encinci idadele emngxunyeni yaze yangena esikhepheni.

“Ungasanceda, ntlanzi encinci?” zabuza zixhalabile.

“Ewe ndingananceda,” itshilo intlanzi encinci.





Intlanzi encinci ihambile yaya kulanda uMnenga. UMnenga wathi nca umzimba wakhe omkhulu kuloomngxuma, waze ngokwenza njalo wawanqanda amanzi ukuba angene esikhepheni.

Ekugqibeleni, izilwanyana zakwazi
ukuvala umngxuma ngeli xesha
kwakungekho manzi angenayo
esikhepheni.

Zavuya kakhulu zaze
zawuqhwebela uMnenga.




UKumkani Ngonyama wathi,
“Enkosi ntlanzi encinci. Enkosi
Mnenga.

Usisindisile!”

Izilwanyana zazivuya kuba zaziza
kuqhubeka nohambo lwazo.

Zonke izilwanyana zavumelana,
“Sikunye singawenza umahluko!”

Umanyano ngamandla!





Umbongo

UNogumbe



Zangena izilo ngambini ngambini;
Zangen' emkhombeni inkunzi nemazi;
Kususela kwezo zasendle,
Kuye kweyasekhay' impahla ende.

Zangena izilo ngambini ngambini;
Yangen' ingonyama yangen' indlovu;
Wangen' udyakalashi ehamba negusha
Zangena izilo emkhombeni zibalek' imvula.

Zangena izilo ngantathu ngantathu;
Yangunomeva, inyosi nembovane;
Yalukhozi inkuku nehobe;
Zangena zonke zibalek' unogumbe.


Zangen' izilo ngane ngane
Zangena ngane yaxab' imvubu emnyango;
Zangena ngantlanu ngantlanu
Zangen' emkhombeni zibalek' imvula.



Umbongo

Ukukhawulela iinkomo

Zabuy' ezakowethu,
Zinamahlotshazana.
Unkqenkqeza phambili,
Ukh' amanzi ngophondo.
Usa kuBawo elwandle.
Sizuz' ukuphila.



Imiba emangalisayo kodwa eyinene ngezilwanyana

1



Ithole lendlovu lincanca umboko walo ukuze lizonwabele.

2



Iinciniba zingabaleka ngaphezulu kwama - 70 eekhilomitha ngeyure.

3




Iinkubabulongwe zisebenzisa uMnyeje njengekhampasi.

4



Iingcuka zivana kakhulu neekati kunezinja.

5



Iingonyama zilala iiyure ezingama - 20 ngosuku.

6



Indlulamthi inolwimi
oluluhlaza nolumalunga
nama - 50 cm.

7



Ityhefu yenyushu emnyama
ingabulala amadoda alishumi
elinambini ngeyure enye.

8




Iimvubu ziyazikhusela
iindawo zazo kwaye
zizilwanyana ezinobungozi
kakhulu.

9



Iipangolini zinolwimi
oluncamatheleyo olude.
Xa lungasetyenziswa,
zilubuyisela esifubeni.

10



Iingwenya zinexesha
elingaphezu kwama - 200
lezigidigidi zeminyaka zikho.

Imisebenzi yokufunda yamaqela



- 1 Fundela umhlobo wakho izivakalisi. Funda izivakalisi ngendlela echanekileyo ukuze ukwazi ukubalisela umhlobo wakho ibali kwakhona.

1.	Intlanzi encinci ibize uMnenga oye wacinezela umzimba wakhe emngxunyeni.	
2.	Izilwanyana zagqiba ekubeni zithathe uhambo ngesikhephe.	
3.	Izigcawu, iimpuku neenyosi zazama ukuvala umngxuma kodwa azaphumelela.	
4.	Zadikwa baze uSinqolamthi noHotyazana baqalisa umlo.	
5.	Zaze izilwanyana zakwazi ukuvala umngxuma.	
6.	USinqolamthi wagqobhoza umngxuma esikhepheni.	
7.	Zonke izilwanyana zavumelana ukuba xa zisebenza kunye, zingawenza umahluko.	
8.	Amanzi aqalisa ukungena esikhepheni ngomngxuma.	



- 2 Xelela umhlobo wakho ukuba uyalithanda na eli bali okanye hayi. Nika isizathu sempendulo yakho.



- 3 Gqibezela lo msebenzi.

- a. Bhala phantsi igama lokuqala kumqolo ngamnye kwincwadi yakho yomsebenzi. Bhala amagama kumqolo ngamnye anesandi esifanayo ecaleni kwalo.

gqobhoza	godloza	bhodloza	khawuleza	gobhoza
azikwazanga	azivalanga	akavukanga	azidikwanga	zadikwa

- b. Khangela igama ebalini elinentsingiselo efanayo nala magama alandelayo:

ukufunqula

inqanawa

zazisojika

- c. Khangela igama ebalini elinentsingiselo echasene nala magama alandelayo:

vula

ngena

mncinci

- d. Khangela amagama anezi zandi zilandelayo ebalini uze uzibhale phantsi:

ii

ee

ndl

bh

ph

ngx

- e. Bhala uluhlu lwezilwanyana ezikweli bali. Sebenzisa iikoma ukwahlula amagama ezilwanyana.



4

Phendula le mibuzo ilandelayo ngomlomo kunye nomhlobo wakho.

1. Sithini isihloko sebali?
2. Ngoobani abadlali abaphambili kweli bali.
3. Kwakutheni ukuze izilwanyana zixhalabe?
4. Ucinga ukuba kwakuza kwenzeka ntoni ukuba intlanzi encinci yayingafikanga?
5. Yintoni imfundiso yeli bali?



5

Bhala ngokutsha eli bali ngawakho amagama usebenzise iziphumlisi ezichanekileyo umhlathi omnye onezivakalisi ezi-5 ubuncinane.



6

Bhala uqashi-qashi malunga nesinye sezilwanyana kwincwadi yakho yomsebenzi uze ufundele umhlobo wakho.

Umzekelo kaqashi-qashi:

Rayi-rayi ndinamntu wam othi xa ehamba
athi tsiii - daxa, tsii - daxa.


Ipendulo: Lisele

Rayi-rayi tywaa.

Ipendulo: Yinyoka

Rayi-rayi ndinamntu wam udla ekrokra.

Ipendulo: Yihagu



IBANGA 2 ULWIMI LWEENKOBE



Incwadi 2

<i>Isihloko:</i>	Izilwanyana ziya elwandle
<i>Ulwimi:</i>	IsiXhosa
<i>Inqanaba:</i>	Incwadi yokufunda yoLwimi Lweenkobe yeBanga lesi-2 Inqanaba 3 Incwadi 2
<i>Uhlobo lwencwadi:</i>	Ibali
<i>Amagama ajongwayo:</i>	bona, yabo, iye, ngexa, iqale, mhlawumbi, kunye, kwanele, konke, nceda, onwabele, iqalile, jikelele
<i>Isigama:</i>	ingxabano, isinqolamthi, ihobe, gqobhoza, vuza, ginya, ngqo, xhalabile, qhubeka, umngxuma, isikhephe, umnenga
<i>Izandi:</i>	rh, mv, gc, ny, mp, ngw, bh, ph, ngx, ii, ee, ndl
<i>Umxholo, amagama nezakhono:</i>	<ul style="list-style-type: none">▪ Ulandelelanisa iziganeko ekubaliseni ngokutsha ibali.▪ Uvakalisa uvakalelo ngebali.▪ Phawula amagama anemfano-zandi.▪ Phawula izichasi nezifanokuthi.▪ Fumana amagama ebalini anezi zandi zilandelayo: ii, ee, ndl, bh, ph, ngx,▪ Yenza uluhlu usebenzisa ikoma.▪ Funda uze uphendule imibuzo yesicatshulwa.▪ Bhala ngokutsha ibali ngawakho amagama, (1 umhlathi, 5 izivakalisi).▪ Bhala iqashiso/urayirayi.

Inkqubo ye-CAPS igunyazisa ukuba ootitshala babe nexesha abalibekela bucala ngosuku ngalunye, kulungiselelwa ukufunda ngamaqela encediswa ngutitshala.

ukufunda ngamaqela encediswa ngutitshala kujolise ekubeni abafundi abakwinqanaba lokufunda elifanayo bafunde isicatshulwa esifanayo ngoncedo lukatitshala.

Utitshala kufuneka enze isicwangciso sokufunda esiquka iindlela zobuchule bokufunda nokuqonda amagama, zokuxhobisa abafundi xa befunda.

Ezi ndlela zobuchule ziquka "incoko ngebali" ephakathi kukatitshala nabafundi, nephakathi kwabafundi emaqeleni abo. Ezi ncwadi ziqulethe iqela lemisebenzi malunga nezi "ncoko ngebali", ukuqonda neminye enokunceda ootitshala ekukhokeleni ukufunda ngokwamaqela emagumbini abo.

ISBN 978-1-4315-2622-2



9 781431 526222



ISBN 978-1-4315-2622-2

**THIS BOOK MAY NOT
BE SOLD.**



basic education

Department:
Basic Education
REPUBLIC OF SOUTH AFRICA

Published by the Department of Basic Education
222 Struben Street, Pretoria
South Africa

© Department of Basic Education
First edition 2016

The Department of Basic Education has made every effort to trace copyright holders but if any have been inadvertently overlooked, the Department will be pleased to make the necessary arrangements at the first opportunity.

**Ezinye iincwadi ezikwithala
leencwadi zebanga lesi-2
zoLwimi Lweenkobe:**

Inqanaba: 1

1

USisi unomhlobo omtsha

Kunzima ukuba yinja

Mhla iqwarhashe lanemigca

UNdlulamthi uyakuthanda
ukufunda

Inqanaba: 2

2

UBubu ulahlekile

Benza njalo abahlobo

Intshontsho ledada elibi

Inqanaba: 3

3

Ibhayisekile entsha kaBheki

Izilwanyana ziya elwandle

Tshotsh' ubekho Mnenga